



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

SENIOR PHASE

IBANGA 9

NOVEMBA 2013

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure


Olu viwo lunamaphepha ali – 14.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Fundisisa yonke imibuzo kakuhle.
2. Cinga, uqiqe phambi kokuba ubhale.
3. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
4. Sebenzisa amagama amkelekileyo olwimi xa uphendula.
5. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.
6. Nombola imibuzo yakho kanye ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
7. Qiniseka ukuba uwaphendule omaTHATHU amacandelo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA**

Funda isicatshulwa esilandelayo, uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso:

EZOLUTSHA*Aziyilungelang'impilo.*

U Fat Charlie woluleka ulutsha ...

Mlisela nomthinjana khanicinge le nto:

Udibana nendoda ekhangeleka indala, ilumkile yaye ikonwabisa ngaphezulu kwabahlobo. Ube ngumhlobo wayo kuba ukonwabel'ukuba kunye nayo. Inabahlobo abaninzi kodwa nonke unenza nizive nibalulekile kuye. ...

Kungekudala ningumtya nethunga nale ndoda. Yona ikukhuleka ngetyathanga emqaleni kodwa wena awuboni. Kuthi kusuka ibe ifuna ukuba ube nomhlobo oyiyo kuphela yaye nokuba ngaba uthi uzama ukuphuncuka iza kukutsala ngelaa tyathanga ikubophe ngalo.

Ivakala ngathi yifilim eyoyikisayo le, andibi? Xa uhleli ubukele le filim ungacingel'ukuba lo mntu usisihiba njengabantu abaya ezindlwini ezinemimoya emdaka behamba bodwa. Kutheni evumela le ndoda imkhuleke? Yicinge nawe le nto!

Asoze uvumele mntu ukuba ayenze loo nto kuwe, andibi? Imbi ngaphezulu kwengcinezelo! Baninzi kakhulu abazivumelayo izinto ezilolo hlobo ukuba zibehlele yaye ndiqinisekile ukuba niyabazi abanye babo. Kaloku le ndoda ayikho mnyama yaye ayikho mhlophe, ziziyobisi ezi yaye zimenza loo nto umntu. Ekuqaleni zikwenza isinhanha uze uzithande uzamkele kodwa kungentsuku zatywala ziyakukhuleka kube nzima ngolona hlobo ukwahlukana nazo.

Musa ukutya iziyobisi.

Kukangaphi uweva la mazwi?

Ubukela imidlalo, uphulaphul'ititshala, uya kwiindawo ekulunyukiswa kuzo ngeziyobisi apho umamela amabali oyikisayo abantu ababesity' iziyobisi ... uyamazi unobangela wokuba kuthiwe iziyobisi azilunganga. Aziyilungelang'impilo yakho. Ziyabulala. Zikwenza uzibone sel'ujongene nezikrelemnqa ezithengis'iziyobisi. Zikhokhelela ekuthengiseni ngomzimba. Kulwaphulo-mthetho, zikwenza ubele abazali bakho ukuze ufuman'imali yokuzithenga.

Yonke le nto uyayazi. Wonk' ubani uyayazi – kodwa loo nto ayibathinteli abany'abantu ekutyeni iziyobisi. Yintoni ingxaki? Kutheni le nto abantu bengawuva kakuhle lo myalezo? Abanye bathi kungenxa "yoxinzelelo loontanga" – ayisosizathu esivakalayo eso kufana nokuthi. "Bendingafuni mama bandinyanzele!" Abanye benziwa ziimeko abakhulele phantsi kwazo njengokuxhatshazwa ekhaya, ukuba neengxaki esikolweni okanye ukudandatheka uze ufune ukutshabalalis' ubomi bakho. Kodwa baninzi abantu abatsha abaneengxaki ezikumila kunje kodwa bangabheneli kwiziyobisi! Impendulo ilula kakhulu. Nangona ezi zinto sizikhankanyileyo ziyidlal' indima kodwa abantu bazitya iziyobisi kuba zibenza bazive bemnandi! Oko kuziva mnandi ke kukwenza uwalibale naloo mabali oyikisayo oweva ngabantu abadala. Iziyobisi zikwenza uzilibale iinkxwaleko zakho, kuphel' ukungazithembi, usizi, ukoyika nokufun' ukuxhomekeka. Ungade wenz' isigqibo sokutya iziyobisi ngenxa yokuba ubona ngathi wonk' umntu ufun' ukukulawula. . . Yiyo loo nto amaphulo amaninzi alwa neziyobisi eba neengxaki. Alumkisa ngezinto ezikhoyo yaye akalibali ukuthi: iziyobisi ziyabulala- kodwa ambalwa atshoyo ukuba zingatyiwa iziyobisi. Awatsho ukuba "Musa ukutya iziyobisi, yenza le ..." Naxa la maphulo ecebisa ngemakwenziwe kuvakala ngathi yintsomi. Umzekelo amanye athi zibandakanye kwimidlalo, uzigcine usempilweni- kodwa udandatheko olukhokelela ekutyeni iziyobisi luntama ukuba awunawo amandla okudlala imidlalo eza kukugcina usempilweni.

Ayisithi sonke esithand' imidlalo. Kufana nqwa necawa, abanye iyabanceda ukanti ayibancedi abanye ... Khumbula ukuba kubalulekile ukuba umntu azikis' ukucinga

kuba ubomi bunamahla-ndinyuka. Nokuba wenza ntoni na, abantu baza kukukhathaza, uza kuphoxeka, uza kuwazi ukuba amaphupha ayatshabalala maxa wambi. Bunjalo ke ubomi kumntu wonke! Kodwa uya kuhlala unamandla angecala lakho, mandla lawo angaphezulu kwento yonke. Awusoze ukwazi ukuzilawula izinto ezenzeka kuwe kodwa uya kuhlala unawo amandla okumelana nemeko okuyo. Zinzima iingxaki esimelana nazo ebomini. Uthi ke usakufikelwa yingxaki uzikhethela wena ukumelana nayo uzame ukuyisombulula nokuba sekunzima kangakanani na. Kungenjalo ungazihlalela uyijonge nje ingxaki yakho – kukuty' iziyobisi ke oko. Kunamaxesha apha ebomini apho usiva umthwalo uxibilikile emagxeni akho kube kukho umntu osengxakini enkulu umhleke wena kuba zikuhambela kakuhle izinto, khumbula ukuba yena uza kuphumelela ube wena usahleli kuloo ndawo ukuyo. Nguwe ozikhethelayo ongakunqanda ekutyeni iziyobisi njengoko kungekho mntu ungakukhusela kwiinzingo zobomi. Ukuty' iziyobisi kuye kukhangeleke kuza nesisombululo kwiingxaki onazo kodwa kubalulekile ukuba ucinge ukuba ziza kukusaphi na.

Azikusi ndawo iziyobisi. Abantu abajongana ngqo neengxaki zabo bayawuqabel' umnqantsa nokuba unyuka kangakanani na baze bonwabele impumelelo yabo. Wena uhleliyo ungenzi nto uza kusala apho. Akukho kwamntu uza kube enomdla wokuva izizathu zokungaphumeleli ezingavakaliyo.

Ayizizo izizathu ezingunobangela wokuba ube likhendle leziyobisi. Ungaziqhathi. Kaloku uzikhethela. Khumbula kaloku ukuba wafunga wathi: "Ndiza kuqhubeka nokuty' iziyobisi andinamsebenzi neziphumo zazo."

Ungalindeli ukuba abantu baza kusizela kuba kaloku sonke sinazo iingxaki ezizezethu ezinzima kodwa asibheneli kwiziyobisi. Iziyobisi ziya kukhuleka ungakwazi kwenza nto ngaphandle kwazo, zikwenza ikhoboka lazo yaye zifuna unghlali ngaphandle kwazo kanye njengalaa ndoda ikukhuleke ngetyathanga emqaleni.

Ngaba ufuna loo nto? Uza kuzikhethela ...(x)

Akakho umntu ongakuyekis' iziyobisi – kodwa kufuneka umazi oyena nobangela wokuba zibe azikulungelanga. ...

Kukuwe!

[Ithatyathwe kwi *Bona* – April 2006 iphepha 78–79]

IMIBUZO

- 1.1 Iziyobisi ngokwesi sicutshulwa zifaniswa nantoni? (1)
- 1.2 Caphula isivakalisi esibonisa ubunzima nokungabi lula kokwahlukana neziyobisi Kumhlathi woku-1 (1)
- 1.3 Caphula ibinzana/intetho kumhlathi 1 esibonisa ukuba uba nobuhlobo obuqinileyo nale ndoda. (1)
- 1.4 Ngawaphi amalinge enziwayo ukulumkisa ulutsha ngeziyobisi? Nika abe maTHATHU. (3)
- 1.5 Iziyobisi zisitshintsha njani isimilo okanye indlela yokuziphatha kulowo uzisebenzisayo? (1)
- 1.6 Zizathu zini ezibekwa njengezo zikhokelela ulutsha ukuba lusebenzise iziyobisi? Nika izizathu eziNE. (4 x ½) (2)
- 1.7 Eli binzana "ukuziva mnandi" linentsingiselo ehloniphayo nengathiwanga pahaha. Kha unike intsingiselo ethe ngqo. (1)
- 1.8 Nika intsingiselo yegama "ikhendle" njengoko lisetyenziswe kulo mxholo. (1)
- 1.9 Iziyobisi ziyakukhuleka ungakwazi ukwenza nto ngaphandle kwazo, zikwenza ikhoboka lazo. Chaza okokuba le ntetho yinyani na okanye luluvo. Uxhase impendulo yakho. (1)
- 1.10 Ingaba ikhona imeko apha ebomini bakho ocinga ukuba wena ingade ikwenze ufune ukutshabalalisa ubomi bakho? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.11 Ufumanise ukuba umhlobo wakho unesigqibo sokutshabalalisa ubomi bakhe ngeziyobisi. Kha umnike amazwi engcebiso aya kumhlangula kule meko. (2)
- 1.12 Enye yezinto ezibonisa okuxabisekileyo kukunonophela izinto zekhaya. Uyibona njani le nto yokubiwa kwezinto zekhaya ngumntwana wakwalapha, aze azithengise ngenjongo yokuthenga iziyobisi qha? Xhasa uluvo lwakho. (2)
- 1.13 Ngokwesi sicutshulwa ubomi bufuna umntu onjani? (2)

[20]

UMBUZO 2**ISISHWANKATHELO**

Phinda ufunde isicatshulwa esikumbuzo wokuqala, uze emva koko usishwankathele ngamagama angama -70–80 usebenzisa awakho amazwi. Xa usenza esi sishwankathelo, thathela ingqalelo ezi ngongoma:

- Ukuchonga izimvo eziphambili kwanezixhasayo
- Ukuhambelana kwezimvo
- Izivakalisi ezakheke ngokukuko
- Ulwimi olusulungekileyo, upelo neziphumlisi ngendlela efanelekileyo

[10]**UMBUZO 3****UKUSETYENZISWA KOLWIMI**

Funda umhlathana ongezantsi wandule ukuphendula imibuzo ebuzwe kuwo.

“Ubom bam buxhomekeke kuYehova oyena mgcini wam” latsho ikholwa lomhlokokazi licacisa indlela lona lizinikele ngayo kuThixo walo. Obo ubomi bunqwenelwa ngumntu wonke. Xa umntu ehamba endleleni kukho izikhubekiso. Iintshaba zithi saa phaya Ngumthandazo. Owu! Ndiyazicaphukela iintshaba.

- 3.1 Chaza ukuba kutheni isibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi singenalo iceba? (1)
- 3.2 Nika isichasi segama elinomgca kwesi sivakalisi singezantsi:
Ndiyazicaphukela iintshaba. (1)
- 3.3 Chonga isimnini sibe siNYE osifumana kumhlathana ongasentla. (1)
- 3.4 Guqula isivakalisi esilandelayo sibe kwixesha langoku:
Ikholwa lomhlokokazi lacacisa indlela elizinikele ngayo kuThixo. (2)
- 3.5 Chonga isimelabizo sibe siNYE kumhlathana ongentla, wandule ukunika udidi lwaso. (2)

3.6 Qwalasela esi sivakalisi:

Owu! Ndiyazicaphukela iintshaba.

Igama elinomgca ngaphantsi lisebenze njenge:

3.6.1 Ntloko

3.6.2 Njongosenzi

Khetha impendulo efanelekileyo. (2)

3.7 Qwalasela esi ke ngoku:

Xa umntu ehamba endleleni kukho izikhubekiso.

Xela ke ngoku ukuba u–endleleni usesiphi isigaba sentetho kwezi, khetha impendulo ibe NYE.

3.7.1 Sisimelabizo sendawo


3.7.2 Sisalathandawo

3.7.3 Sisichazindawo

(1)
[10]

UMBUZO 4


Khawonwabele le ncoko yaba bafo, uze uphendule imibuzo ebuzwe kuyo.



- 4.1 Khangela izibizo zala mahlelo alandelayo ngokwezi bloko kule ncoko yaba bafo:
 - B ihlelo 5
 - C ihlelo 9 (elingabolekwanga kolunye ulwimi)
 - D ihlelo 10 (3)
- 4.2 Hlahlela isibizo sehlelo le-5 ukhuphe ezi zakhi: iceba, isisekelo esidukileyo nesiqu. (3)
- 4.3 Lungisa onke amagama esiXhosa angabhalwanga ngendlela efanelekileyo Kwibloko A, B, C no D. (4)

UMBUZO 5

Qwalasela umfanekiso olandelayo wandule ukulandela imiyalelo ebhekiselele kuwo.



Qaphela: Yonke into oyithethayo mayibemalunga nento eyenzeka emfanekisweni, kungenjalo awufumani manqaku.

- 5.1 Yakha isivakalisi sibenesenzi esi kwisixando sokwenzela usebenzisa eli gama: Ukoja. (2)
- 5.2 Yakha isivakalisi sibe nesibizo esinesimamva u – ana ukubonakalisa ubuncinci ngokuzalwa. (2)
- 5.3 Esi masibe nesibizo esinesimamva u – kazi ukubonakalisa ukuzalana. (2)
- 5.4 Abantu bonwabile kolu lwandle, bayaqubha.
Xela isakhi esinomgca ngaphantsi kwisivakalisi esingentla. (2)
- 5.5 Xa ujonge lo mfanekiso ucinga ukuba leliphi ixesha apha enyakeni? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 60

ICANDELO B**UMBUZO 6**

Fundisisa lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo ebuzwe kuwo:

UMHLOBO WENENE

- 1 Kukho nto ithile ndiyithanda kunene,
- 2 Le nto ingumhlobo wenene,
- 3 Ongenakuhlekisa ngengxaki zam,
- 4 Othi ndihlelwe yinto avelane nam.

- 5 lintlupheko zam zaziwa nguye,
- 6 Intlungu yam ndiyiphalaza kuye,
- 7 Uncedo endilufunayo uyandinika,
- 8 Nento emhluphayo uyayibika.

- 9 Uyandicebisa xa endibona ndiphuma endleleni,
- 10 Andikhuphe xa ndeyel'emgxobhozweni,
- 11 Akandiqhwabel'izandla xa ndisiy'eliweni,
- 12 Ndoqabel'emagxeni akhe xa nditshon'ezindongeni.

- 13 Mandihlabeke ndawen'ithile andikhoth'amanxeba,
- 14 Ayiboph'intliziyo nkqi ngathi ibotshwe ngomnxeba,
- 15 Ukuze ndingakuva ukuqaqamba kwenxeba.
- 16 Lithi nqum ngathi litywinwe ngomthwebaba.

- 17 Uyandikhaphela kwiindlela eziya kubulungisa,
- 18 Andithi chu ngesandla ukuya kwampumelelo,
- 19 Endikhuthaza "umzingisi akanashwa"
- 20 Ndohamba de ndiye kwayiwayo.

- 21 Uyandikhuthaza kwimizamo yam'
- 22 Andomeleze xa ebon'inkqubela'
- 23 Ungumthuzeli wentliziyo yam'
- 24 Engumomelezi wengqondo yam.

Phendula le mibuzo ilandelayo ugxile kumbongo ongasentla:

- 6.1 Yintoni umhlobo wenene? (1)
- 6.2 Nika intsingiselo yomqolo we-11 kwisitanza/vesi yesi-3. (2)
- 6.3 Ucinga ukuba kutheni imbongi isebenzise ulwimi olulula kangaka ekubhaleni lo mbongo? (2)

- 6.4 Chaza iimpawu zomhlobo wenene ezibalulwa ngumbhali kulo mbongo. Nika zibe NTATHU. (3)
- 6.5 6.5.1 Kuthetha ukuthini ukukhoth'amanxeba? (1)
- 6.5.2 Chaza unxulumano oluphakathi kwentsingiselo yoku nesihloko sombongo. (1)
- 6.6 Chonga iqhalo kwisitanza sesi-5 elisetyenziswe yimbongi. (1)
- 6.7 Xela ke ngoku intsingiselo yeqhalo elo ulibhale ngasentla (2)
- 6.8 Umqolo wama-23 nowama-24 iphela ngendlela efanayo. Kuthiwa yintoni loo nto? (2)
- 6.9 Ngamazwi akho sixelele imfundiso yalo mbongo. (2)
- 6.10 Yinyaniso okokuba ukhe ulahlekiswe ngumhlobo wakho umthembile okanye luluvo nje? (1)
- 6.11 Sixelele isiganeko sibe siNYe kobakho ubomi apho wakha walahlekiswa ngumhlobo wakho owawumthembile. (2)

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C**UMBUZO 7**

Kwizincoko ezilandelayo khetha sibe siNYE kuphela ubhale ngaso. Ubude besincoko sakho mabube phakathi kwamagama angama 250–300:

- 7.1 Umhla we-9 ku – Agasti ngumhla wabaFazi besizwe. Le mini yimini eyodwa kuthi sonke. Sihlonipha iintombi, amantombazana nabafazi.

Balisa ukuba kwingingqi yakho niye nenze ntoni ukuvuyisana nabaseTyhini. [20]

OKANYE

- 7.2 UbuKristu sibutolika ngeendlela ngeendlela kwaye nendlela esibenza ngayo yahlukile. Abanye abantu bacinga ubuKristu kukuya ecaweni kuphela. Xoxa ngalo mba ubeke ezakho izimvo. [20]

OKANYE

- 7.3 Imvula idlala indima enkulu kwintlalo yethu kodwa ikwanobungozi obugqithisileyo.

Bhala isincoko uwavelele omaBINI amacala ngemvula. [20]

OKANYE

- 7.4 Xa ndinokuba ngomnye wabafundi abakwisigqeba esilawula abafundi kwisikolo sam (i-LRC).

Bhala isincoko uvelise konke onokuthi ukwenze ukuphakamisa umgangatho wesikolo sakho. [20]

OKANYE

- 7.5 URhulumente weDemokhrasi wenze izithembiso zobomi obungcono kubemi beli. Ingaba uphumelele na ukufezekisa izithembiso zakhe? Bhala isincoko ubonisa indima ayidalileyo ekuphuculeni ubomi babantu.



[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100